

ISIHLOMELO E

IMVUMELWANO YENGGQESHO YETHUTYANA UKWENZELA ABANTU BASEKUHLALENI

Umgadi wabaviwa oyintloko/umgadi wabaviwa oneqhuzu/ umgadi wabaviwa

1. Amaqela angene kwimvumelwano yengqesho (*Contracting parties*)

Le mvumelwano yengqesho iphakathi kweSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-WCED) (elaziwa apha njengoMQESHI), elimelwe ngu-Brent Walters osesikhundleni njengeNtloko yeSebe leMfundo okanye lowo kudluliselwe kuye amagunya (omelwe ngumphathi woLawulo nokuPhathwa kwamaZiko woMQESHI), kunye

no- _____ (owaziwa apha njengoMQESHWA) omakaqeshwe njengomgadi wabaviwa oyintloko/njengomgadi wabaviwa oneqhuzu/njengomgadi wabaviwa kwiimviwo ezibhalelwa e-

Igama lesikolo/ leziko: _____

Inombolo yeziko:

--	--	--	--	--	--	--	--

2. Imimiselo nemiqathango

Kuyavunyelwena ukuba umgadi wabaviwa oyintloko/umgadi wabaviwa oneqhuzu/umgadi wabaviwa uqeshwe ngokweMimiselo i-Regulations pertaining to the National Senior Certificate examination epapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 37651 yowe-16 Meyi 2014, njengoko ifakelwe izilungiso ngowama-30 Apreli 2019, nangokwemimiselo nemiqathango ecaciswe kwi-Examination Procedure Manual, 2016.

3. likhrayitheriya zokuqeshwa kwabo bonke abagadi babaviwa

3.1 Umntu unokuqwalaselelwa ukugqeshwa kuphela njengomgadi wabaviwa oyintloko/umgadi wabaviwa oneqhuzu/umgadi wabaviwa xa ngaba:

- uneminyaka eyi-23 ubuncinane kodwa angabikho ngaphezulu kweminyaka eyi-65;
- akanaye umntwana wakhe/umntwana amgcinayo obhala iimviwo;
- akasiso isizalwane okanye umgcini womntwana ophambili womviwa obhala iimviwo;
- akanguye umyeni/inkosikazi okanye isizalwane somgadi wabaviwa oyintloko;

- e) ungummi waseMzantsi Afrika;
- f) unebanga lemfundo leSatifikethi seMatriki kaZwelonke/leSatifikethi seMatriki ubuncinane; yaye
- g) akayithathanga ipakheji yokuyeka emsebenzini ngokuzithandela (*voluntary severance package*) ngowe-1996

3.2 Imisebenzi yomgadi wabaviwa oneqhuzu

Umgadi wabaviwa oneqhuzu makanike inkxaso umgadi wabaviwa oyintloko omakabe ungutitshala osesikolweni.

- Makazalise ifom yengxelo ekwikhompyutha yeSebe iWCED yaqho ngosuku ngoko nangoko emva kokuba izikriphi zivalelwe ngaphakathi kwiibhegi ezimnyama (ii-canvas bags).

3.3 Imisebenzi yabagadi babaviwa

- Kukubakhona kwigumbi lokubhalela uviwo, ngalo lonke ixesha lo gama kubhalwa uviwo, eqinisekisa ukuba iselula yakhe icinywe isandi (*silent*) ukwenzela ukuba anike ingxelo ngeemeko ezingxamisekileyo ngethuba leseshoni yoviwo yaye, ngaphantsi kwazo naziphi na iimeko, akanako ukufowuna okanye aphenndule ifowuni ngethuba lokubhalwa koviwo.
- Kukuqwalasela ngokupheleleyo ekubekeni iliso ngalo lonke ixesha leseshoni yoviwo yaye kufuneka angayenzi imisebenzi enjengokufunda, ukunitha, ukwenza iphazili yamagama (*crossword puzzles*), ukuthambisa, ukusika nokuqaba iinzipho (*manicuring nails*), okanye nawuphi na umsebenzi oya kumphazamisa ekwenzeni umsebenzi wakhe ngenkathalo njengomgadi wabaviwa.
- Kukuqinisekisa ukuba abaviwa babhala iinombolo zoviwo ezichanekileyo kwiincwadi zeempendulo zabo, yaye bafumana amaphepha emibuzo achanekileyo njengokuba kubhaliwe kwiileta zokwamkelwa kwiimviwo zabo.
- Kukuqinisekisa ukuba abaviwa abaphumi kwindawo yokubhalela uviwo phakathi kweyure yokuqala yeseshoni yaye akukho mntu utshaya ngaphakathi kwindawo yokubhalela uviwo.
- Kukuqinisekisa ukuba zonke izikriphi zabaviwa ziqokelelwe yaye abaviwa bayisayinile irejista yokulawulwa kwezikriphi.

4. Ithuba lemvumelwano yengqesho

Kungathathelwanga ngqalelo umhla/imihla yokusayinwa kwale mvumelwano ngamaqela, kuyavunyelwena ngokuba imvumelwano iya kuthathwa njengesebenzayo yaye iya kuqalisa ukusebenza ukususela **ngoMeyi 2024 ukuya kuDisemba 2024**.

5. Indawo yokuhlala (*Domicilia*) neZaziso

Amaqela ukwenjenje akhetha iidilesi zezitalato nezeposi zawo ukulungiselela injongo yale mvumelwano, kuqukwa nokuhanjiswa kwazo zonke izaziso neenkqubo ezinxulumene noku, njengokuba kukhankanyiwe apha ngezantsi.

The EMPLOYER
Head: Education
Western Cape Education Department
Private Bag X9114
Cape Town
8000

UMQESHWA: _____

Idilesi yesitalato: _____

Idilesi yeposi: _____

Isignitsha yoMQESHWA: _____

Umhla: _____

Indawo: _____

Isignitsha yoMQESHI: _____

Umhla: _____

Indawo: _____

Isignitsha yeNGQINA: _____

Umhla: _____

Indawo: _____